

## UKUSEBENZA NZIMA, UKUZIMISELA NOKUKHOLWA YIMFIHLO YAKHE



UMcwangcisi-Dolophu waseKleinmond, u-Abigail Cairns uwongwe ngesiDanga seHonours kwi-Land and Property Development Management (Housing) ngomhla we-18 Apreli 2013 kwiYunivesithi yaseFree State.

Uyenze le khosi ngokweemodyuli eziqingqiweyo nezi-miselweyo kwafuneka amane esiya kufunda eklasini kwi-Yunivesithi yaseBloemfontein iveki nganye kwiinyanga ezintathu. Uxinzelelo lwaluzityela itheko kuye ngexesha ejongene noku.

Ngaloo veki, u-Abigail kwafuneka aye eklasini, abhale iimvavanyo neemviwo. Apha enyakeni ebethe gqolo uku- ngenisa ii-asaynmenti ezininzi waza wagqiba izifundo ezi-sithoba zonke kuquka isifundo seProject Management. Kukuzimisela kwakhe nokusebenza nzima okwenze ukuba awafezekise amaphupha akhe afikelele kweli nqanaba lincomeka kangaka.

“Ndinebhongo neqhaya ngalo msebenzi wam unco-

mekayo, kuba kaloku ndim kuphela kubafundi abanga-mashumi amabini opase zonke izifundo zakhe. Ndizimi-sele ukufundela isidanga seMaster's ngo-2014,” utsho.

Ingcebiso yakhe kwabanye kukuba abantu bayenze loo nto bafuna ukuyenza ebomini. “Musa ukuvumela naziphi izithintelo ebomini bakho ukuba zikuthibaze ungakwazi ukufezekisa iinjongo zakho, nditsho nokuba kufuneka usebenze kakhulu kangakanani na ukufe-zekisa iinjongo zakho. Thabatha injongo yakho ibe nye ngexesha wazi ukuba ekugqibeleni uzokwazi ukuzi-fezekisa zonke. Ndiyakholelwa ngenene ukuba ngokusebenza nzima, ngokuzimisela nokholo, unga-kwazi ukufezekisa kwanto ofuna ukuyifezekisa,” utsho u-Abigail.

Simnqwenenelela impumelelo u-Abigail kwaye sithem-ba ukuba abanye boogxa babo baza kuzeka mzekweni bafezekise iinjongo zabo ezintle.

## EBENGAKWAZI NOKUZIBAMBA LUVUYO NOCHULUMANCO UTHABISA

NgoMvulo, umhla we-15 Apreli 2013, uThabisa Mcinjana ebengakwazi nokuzibamba luvuyo nochu-lumanco ngexesha ebezimase ithoko lothwesosi-danga sakhe kwikhampasi yaseBellville yaseCape Peninsula University of Technology apho ebewongwa ngeNational Diploma in Human Resources Manage-ment.

UThabisa uthi nangona ebechulumancile kakhulu, kodwa belungongoza novalo. “Kaloku bendigqibe ikho-si yeminyaka emithathu yonke ebinyanzelisa ukuba ndisebenze nzima ndizimisele. Ukwazi nje ukuba ndide ndayigqiba le khosi kuyandonwabisa kwaye ndibulela nokuba andivumelana naziphi izilingo ne-zithintelo ezivelayo ukuba zindisuse endleleni yame-eya empumelelweni yokugqiba idiploma yam.”

“Ibuvuyo olukhulu kakhulu ukuwongwa ngediplo-ma yam. Uthando nenkxaso endiyifumene kumama wam, kubantakwethu, oogxa bam nabahlobo bam lungummangalis. Ndivakalisa amazwi ombulelo kubo bonke abantu abandiphe inkxaso ngexesha ndisenza izifundo zam,” ulebele ngelitsheyo.

UThabisa (onama-25 eminyaka) ngumntwana wo-mgquba walapha eHermanus. Wafunda amabanga akhe aphantsi kwisikolo samabanga aphantsi sase-Hermanus aphezulu wawenza kwisikolo iHermanus High. Usebenza njengeGosa eliNyanzelisa uMthetho eKleinmond. Injongo yakhe kukufunda agqibe isiDanga se-B Tech in Human Resources kwisithuba semini-yaka emibini.

“Imiceli-mngeni iyohlala ikhona ebomini, kuba kaloku iinxalenye yobomi namava. Abanye bayanike-zela xa izinto zinzima elixa abanye baye bazimisele



kangangoko banako bomelele. Ndifunde kakhulu kwi-miceli-mngeni endidibene nayo yandakha ndomelela ndade ndavuzwa ekugqibeleni. Umnqweni wam kukuba ndidlale indima ebonakalayo ukuqinisekisa ukuba uMasipala wase-Overstrand liziko lempume-lelo kuluntu jikelele,” utshilo uThabisa.

Ngumzekelo omhle loo ofanelwe ukulandela nan-gabanye abasebenzi abanomdla wokuphucula umse-benzi wabo nokuqhubela phambili nezifundo zabo. Sithabatha eli thuba ukunqwenenelela uThabisa impu-melelo enkulu kuwo onke amalinge akhe.

## IIPOLISI EZIMBINI EZIHLAZIYIWEYO ZAMKELWE NGOKUSESIKWENI

IBhunga liphumeze uhlaziyo lweepolisi ezimbini ezicha-phazela abasebenzi ekupheleni kuka-Apreli.

IPolisi yokuPhathwa kweziThuthi yamkelwa ngoku-sesikweni okokuqala ngo-2008, baxhotyisiwe nabam-meli babasebenzi kunye nabanye abathathi-nxaxheba kumasipala ngale polisi. Ezi nguqu zintsha kwipolisi ziba-ngelwe ziintshukumo ezintsha ezinxulumene neendleko zamafutha ezithuthi nokunqandwa kokusetyenziswa gwenxa kwezithuthi zikamasipala. Iinjongo zale polisi kukuqinisekisa ukuba bonke abasebenzisi bezithuthi zi-kamasipala bayayithobela imigango nemiqathango ebe-kiweyo ngokusesikweni nokuba izithuthi zisetyenziswa ngokukuko nangokuchanekileyo kugxininiswa kanobom kusetyenziso lwamafutha azo nolondolozo lwazo kuthi-tyazwa usetyenziso gwenxa lwazo. Icandelo lezithuthi likamasipala linezithuthi ezingama-394 ezinelayisenisi,

ezingama-284 zona zizaqhutywa. Ezi zithuthi ziseGans-baai, eStanford, eHermanus naseKleinmond. Isicwa-ngciso solawulo sosetyenziso lwezithuthi asifakwanga kwipolisi kuba sisoloko sihlaziya sikwaphuculwa rhoqo.

IPolisi yoPhononongo lwesiKhundla nayo iguqulewe ukuze kube lula ukujongisiswa kwesikhundla sikasihla-lo wekomiti yayyo. Oku kuye kwanyanzeleka ukuba kwe-nziwe kuba igosa ebe lichongelwe liBhunga kubusihlalo wekomiti liyekile emsebenzini ngo-Oktobha nto leyo eshiye kukho isikhewu. Ngelo xesha ipolisi yayisithi usihlalo mayibe lilungu leSebe lemiThombo yoLuntu. Nangona kunjalo, eli Sebe linoxanduva lokumilisele no-kulawula iPolisi kwalona kwaye xa kujongwa umgqali-selo othi, “ucazululo lwemisebenzi,” wandululwa ukuba nowuphi umphathi ophezulu okwi-post level 18 ye-TASK anganguye usihlalo wekomiti.

Phambili!  
Vorentoe/ForwardMunisipaliteit • U-Masipala • Municipality  
OVERSTRAND

Indaba 1/2013

Matshi / Epreli 2013

## INQAKU LOMHLELI

## XESHA LOKWABELANA NGEENDABA

Lifikile elo xesha lokwabelana ngeendaba; iindaba ezimnandi malunga nempumelelo kunye nokufezekisiweyo, izinto ekufuneka sijonge kuzo, ngelishwa akho amanye ama-bali abuhlungu malunga noogxa bethu aba-shiywe zizizalwane zabo. Kaloku bunjalo ubomi kwaye njengamahlakani abasebenza kunye kwiqumrhu elikhulu kufuneka sifihl-ne imihlana.

Ukusukela kushicilelo lwethu lokugqibela, sibonise uvelwano nemfobe kwabo baxi-kixwa zizigulo oko sikwenza njengentatho-nxaxheba yethu kwiCANSa Relay for Life ngobusuku be-16 nobe-17 kuMatshi, son-wabela (okanye abanye bethu) iiholide ezim-futshane zesikolo neentsapho zethu, sikwa-nombulelo nangeemvula ezinkulu ezinileyo kwatsho kwagcwala namadami ethu.

KwiCANSa Relay for Life uMasipala wase-Overstrand uncedise ngokungenelela nga-maqela ali-10 kulo mdyarho. Liqalo elihle nelincomekayo eli kwaye ndiyathemba ukuba kunyaka ozayo sizothumela amaqela amanin-zi kulo mdyarho azongenelela. Masibona-kalise inkxaso yethu ngokunika uthando nomfobe kubantu abahlaselwe ngumhlaza. Yeyona nto intle umntu anoyenzela omnye umntu leyo ebomini.

KumaKrestu, iiholide zePasika zithutha eli-hle lokumka kwingxolo yemihla ngemihla. Sikhumbula kaloku ukubethelelwa kukaYesu Krestu eMqamlezweni efela izono zethu, kwalandela ukuvuka kwakhe engcwabeni oyi-sile ukufa. ICawe yePasika yokuvuka kwakhe ngomnye weminyhadala ebalulekileyo kuma-Krestu kwihlabathi jikelele.

Oku kukhatshwa kukuombisa ngama-qanda nomdalo wokuzingela amaqanda ePa-sika. Nangona kunjalo, xa sisitya simungunya izibiliboco nezimuncumuncu neeswiti ezikwi-bhaskithi sikwafumana nezizipho zethu, masi-thathe umzuzwana sithi xha sikhumbule abo bangenanto batsala nzima bangathathi ntweni.

Kubalulekile ukufunda, ukwazi nokulandela imbal, oko kusisa komnye umba opham-bili. Abanye boogxa bethu basebenze nzima ukuziphucula ngokufunda ngokuzimisela nto leyo eyenza baphumelele ezifundweni. Ndi-thabatha eli thuba ukuvakalisa amazwi okun-coma nokuvuyisana nabo bonke oogxa bethu abathweswe izidanga neediploma ngoMatshi no-Apreli. Imfundo sisitshixo sekamva lethu. Ayifumaneki lula nangona kunjalo! Imali ne-xesha olichitha kuyo ibalulekile.

Okokugqibela, isiqubulo sethu senyanga: “Yiba ngulo mntu unguye. Uqhumba kakuhle ebomini xa uzithembile nawe!” Xa ngaba u-cinga ukuba awuyonto yanto, uba njalo nge-nene. Xa ucinga ukuba ngenene awukwazi kuyenza into, unamathuba amahle okuba ngenene usilele ukufezekisa amaphupha a-kho nokuba ufuna kangakanani. Yilumele into oyinqwenelayo okanye oyicingayo nga-banye abantu. Nguye wedwa onoxanduva lokuzinisekisa ukuba ungoyena mntu uphumelelayo ebomini bakho!

De siphinde sibonane kwixa elizayo!!

NOLUTHANDO ZWENI  
UMHLELI



## IBIYINTLANINGE YABANTU KUSUKU LOMTHANDAZO OLUBEKWE BUCALA NGUSODOLOPHU

Uninzi lwabasebenzi beluyinxalenye ye-100 labantu abaphume mbobo zone zalo masipala wase-Overstrand nebebedibene kwihlole yenkonzo yaseHermanus Dutch Reformed ngolwesiHlanu umhla wesi-3 kuMeyi bezimase usuku lomthandazo nozilo lokutya olubekwe bucala nguSodolophu uNicolette Botha-Guthrie ukukhuthaza ulwazi kuluntu namanyathelo anokuthatyathwa ukulwa ubundlobongela obandileyo ngakumanani nabantwana kwilizwe jikelele. Bonke ebebezimase loo mthandazo banikwe iribhoni eepuli eluphawu lokuvuma ubutyala nokwamkela ubukumkani bukaThixo: icala elibhlu lecala libhekisa kwimvelaphi yethu ngokwasezulwini nasebuthixweni kuba sidalwe ngokomfuziselo kaThixo, elixa icala elibomvu lona libonisa uxolelo lwezono nobuyiselo kuThixo. Bonke ebebekhona bathandaze ngokwamaqela amabini azizithathu bemele amaxhoba obundlobongela, izizalwane zabo neentsapho zabo, abezobulungisa, abalondolozo kunye nabaphuli-mthetho. Emva kwenkonzo, bonke baye bema xhonkxosholo phambi kwesakhiwo secawa apho uSodolophu athe wakhululela emoyeni iibhaloni ezimhlophe nezipepuli. Ecaleni kwakhe, obambe iibhaloni nguMfundisi Corné Kemp, obe yinxalenye yamalungiselelo olu suku lomthandazo. (Kufote: uNoluthando Zwini)

## AKHO THEMBA LINGAKANANI LOKUFUMANA ITSHEKHI YOMBULELO (14th Cheque) NGOMSEBENZI ONCOMEKAYO

Iindaba zakutshanje eziphuma kwiqonga leengxoxo ngemivuzo kuzwelonke bezithembisa ngokuba amagosa kamasipala aza kuvuzwa ngetshekhi yombulelo ngomsebenzi oncomekayo. Ezivelayo ngoku ngokweentatheli zePhambili zibonisa ukuba iingxoxo zisesenyeleni nokuba isivumelwano sinokungabanda-kanyi uMasipala wase-Overstrand kuba yena sele eyilungisile into yokungalingani kwemivuzo okanye wenze le nto kuthiwa yi-TASK post grading system.

Umxolelanisi kwimpixano ephakathi kwe-SA Local Govern-ment Association nemibutho yabasebenzi bakamasipala engo-kumiliselwa kwesivumelwano sokulungelelwaniswa kwemivuzo sika-2010, undulule ukuba kusungulwe iingxoxo zemivuzo ngokutsha zize zityikitywe phambi kokuphela kukaJulayi, kuba isivumelwano esatyikitywa ngo-2010 saphelelewe kunyaka omnye odlulileyo.

NgoJuni odlulileyo, i-Labour Court yayalela i-SALGA, ukuba imilisele isivumelwano esatyikitywa ngombutho we-SA Municipal Workers' Union ne-Independent Municipal and Allied Trade Union. I-SALGA ibikhe kuqala yagrogisa ngokubhena kweso sig-webo, ngelithi umilisele loko kothetha “ukubhanga ngokwezimali koomasipala” kodwa yaphinda yarhoxa kwisi-bheno eso.

NgoFebruwari, isithethi se-SAMWU sazise ukuba oonke ama-qela avumelene ngenkqubo yoxolelwaniso ngokwe-Local Government Bargaining Council ukusombulula loo mba nokuba intlanganisano yokuqala iza kusingathwa ngomhla wama-22

Februwari 2013. Uthe kubaluleke kakhulu ukuba imivuzo yecan-delelo loomasipala lungelaneliswe futhi ibe mgangathweni mnye, “kuba akho lungelanelisano ngoku – abanye bamkele imali encinane elixa abanye besamkela imali eninzi kodwa besenza umsebenzi omnye.”

Kwinyanga edlulileyo umxolelanisi undulule ukuba iingxoxo ezintsha ngolungelelwaniso lwemivuzo kufanele zisungulwe futhi zityikitywe phambi komhla wama-31 Julayi 2013, kwaye iingxoxo ezo kufanele zihambelane ngqo nesivumelwano esitsha sezi-khundla zomsebenzi esiza kutyikitywa phambi komhla wama-31 kuJulayi 2013 nokuba bonke abasebenzi abayinxalenye ye-SA Local Government Bargaining Council kufanele bafumane kanye itshekhi yombulelo ngomsebenzi oncomekayo engangomvuzo wenyanga enye.

Amagosa emibutho yabasebenzi abuzwa imibuzo emininzi ngoku malunga nalo mba, kodwa akho mpendulo okwangoku ezivela kubammeli babasebenzi kwisithebe seengxoxo ngemi-vuzo. Okwangoku isesisindululo nje somxolelanisi kwaye kufanele kutyikitywe ngawo onke amaqela phambi kokuba ibe sisi-vumelwano.

Okuqaphelekayo ngoku kukuba uMasipala wase-Overstrand wayilungelelanisi imivuzo kwangaphambili kwaye uchithe izi-gidi ngezigidu ukwenza oko. Ngenxa yoko sele kwenziwe, nga-hle isindululo sokuhlululwa kwabasebenzi itshekhi yombulelo ngomsebenzi oncomekayo singamiselwa kulo Masipala.



## LINENEKAZI NGOKU ELINGUMLAWULI WESEBE LEZEMALI

USantie Reyneke-Naudé nguye ngoku oxhuzula imikhala kwiSebe lezeMali ukuqala ngoJuni eyithabatha kuHenk Kleinloog othathe umhlaphantsi ekupheleni kukaMeyi eneminyaka engama-65.


Uchongelo lukaSantie kwesi sikhundla luphunyezwe ngamxhelomnye liBhunga. Ngaphambili ube engumphathi ophezulu kwicandelo lezenkcitho nee-aseti kuMasipala wase-Overstrand ukusukela ngomhla woku-1 ku-Apreli 2009 apha. Ngaphambi koku ube kwizikhundla eziphezulu kwezizimali koomasipala baseStellenbosch naseMiddelburg (eMpumalanga).

Izidanga zemfundo anazo ziquka i-MBA (ngo-2007) kunye ne-B. Comm kwi-Accounting (ngo-1988) kwiYunivesithi yaseNorthwest ePotchefstroom ukwanaso neSatifikethi kwiMunicipal Financial Management asifumene kwiYunivesithi yasePretoria.

USantie ulilungu le-Institute of Municipal Financial Officers kwaye ukusukela ngo-Oktobha 2010 ungusihlalo weSebe layo eliseNtshona Koloni.

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie ugqithise umyalezo woku-vuyisana kuSantie emqinisekisa ukuba uzofumana inkxaso ephelileyo kwiBhunga ekwaminqwenelela ixesha elimnandi nelide ekhonza uMasipala.

“Waqhuba kakuhle kakhulu kudliwano-ndlebe. Sinebhongo ngawe,” utshilo.



### UMLAWULI OMKHULU WECANDELO LEENKONZO ZOMLILO

Umlawuli wethu omtsha nomkhulu we-Candelo leeNkonzo zoMlilo noLawulo lwezeNtlekele, uMnu Lester Smith (onama-40 eminyaka), uwuthanda ngokungafihlisiyo umsebenzi wakhe. Waye eqhuba izifundo zakhe zocwangciso lweedolophu ekunyaka wesibini kuzo xa weva ubizo lokuba abe livoluntiyi kwiinkonzo zokucima umlilo naye eziva uba yeyona nto afuna ukuyenza ebomini bakhe.

Waqala ngoNovemba 1993 njengegosa elingesoqinisekisa elicima umlilo waqhubeka: (ngo-1994 ukuya ku-1997) wangumfundi kwezocimomlilo, (ngo-1997 ukuya ku-2004), wanyuselwa waba ligosa eliphezulu kwezocimomlilo, (ngo-2005 ukuya ku-2007) wanyuselwa kwakhona waba yinkumanda elawula iqela layo, (ngo-2007 ukuya ku-2011) waphinda wanyuselwa waba yinkumanda yesitishi sonke de wanyuselwa kwisikhundla sokuba nguMlawuli oMkhulu kwiCandelo lezocimomlilo kuMasipala wesiThili sase-Eden phambi kokuba atyunjelwe kwakwesi sikhundla apha kuthi ngomhla woku-1 Apreli 2013.

Ungumntu okholelwa kakhulu kwimfundo noqeqesho ubungqina boko kukuba uneDiploma ePhezulu kwiTeknoloji yezoMlilo. Ngumhloli oqeqeshiweyo kwezoCimo-mlilo, nguMphandi oqeqeshiweyo nophambili kwezoKhusaleko noCimo-mlilo, nguMvi, nguMququzeleli, nguMphononongi kunye noMngqinisi ovunyiweyo kwi-SETA yooRhulumente basemaKhaya.

Xa waye egqibezela izifundo zakhe zokufumana iHigher Certificate in Fire Technology ngo-1998, uMnu Lester Smith wawongwa ngembasa ebizwa ngokuba yi-George Angus Trophy ngokufumana i-avareji egqwesileyo kwezoKuphatha nolawulo eMzantsi Afrika waze ngo-2000, waphinda wawongwa ngembasa eyi-Dries Lombaard Trophy ngokufumana eyona avareji iphezulu kwakwesi sifundo ngexesha esenza izifundo zakhe zeDiploma in Fire Technology.

Esafunda esikolweni kwindawo yaseStellenbosch, wayethanda kakhulu ukudlala ibhola ekhatywayo neqakamba, kwaye wakhe wayiyo nekhaptani yamaqela ukuqala de wafikelela kwisigaba sephondo kwibhola ekhatywayo neqakamba.



Ukusuka ekhohlo ngu Mnu. Danie Carstens: Ushlalo wombutho eKapa, Nksz. Ansori Dippenaar: Ilungu lekumthi kummandla we Matzikama, Nksz. Brenda Koekemoer: Umbhali zinzwadi kwi-ofisi yommandla, Nksz. Keith Swanepoel: Isekela sikhalo ka Imatu kuzwelonke, Mnu. Stan Xhosa: Ushlalo ka Imatu kuzwelonke, Mnu. Herman Theart: Umququzeleli osisigxina e Cape Winelands, Nksz. Nafia Botha: Unobhala womphathi wommandla

### IMATU E-OVERSTRAND IBAMBE INKOMFA

#### YENGINQI YAMA 30: EYESIBINI EYENZELWA ISEBE

Isebe lase-Overstrand lombutho we-Imatu belisingethe isibhala sentlanganiso yoluntu ebizinyaswe ngamalungu alo mbutho angaphezu kwama-350 e Odithoriyam kunye nendwendwe ebizisuka kumasebe ebisihambe, ngolweSine, ngomhla wama23 Meyi 2013 ethe yalandelwa yinkomfa ye rijini ngolweSiHlanu, umhla 24 ka May 2013 kwihotele yaseWindsor, izinyaswe ngamalungu ayi 150.

Le ntlanganiso ibikwazinyaswe sisiGqeba sikaZwelonke sonke sombutho we-Imatu, kuquka uMongameli wayo, uMnu Stan Xhosa, othethe banzi namalungu malunga nemiba edl'umzi kuzwelonke. Amalungu akonwabele ukulumana indlebe noMongameli etsho ngokuzola abe esonwabisa uwenze amalungu ahleka amaxesha amaninzi kumabali angaphezu kwesinye angundabamlonjeni.

Kwiintsuku ezimbini phambi kokusungulwa kwentlanganiso, amalungu aphiwe izikhipha zegalufa ezitsha kraca, onke azinxiba ezo zikhipha engumfanekiso omhle kakhulu ukubabona bekuzo. Phantse wonke umntu obe zimase le ntlanganiso ebenxibe isikhipha esitsha zegalufa.

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie noMlawuli kaMasipala

uCoenie Groenewald bebekho kuloo msitho ukuza kwamkela iindwendwe nokwenza amazwi ambalwa ngokunxulumene nezobudlelwane emsebenzini e-Overstrand.

Abantu abebizimase le ntlanganiso balonwabele kakhulu ibali elibaliswe nguSodolophu malunga nendlela abaxulwa ngayo imibandela ekunye neenkokheli zombutho we-Imatu e-Overstrand nendlela abazisombulula ngayo izinto ngaphandle komlo. Ukuthaze imibutho ukuba imele amalungu ayo kwaye ibe ngabammeli abangabo kwimicimbi yokumela oogxa babo.

Usodolophu uvakalise amazwi ombulelo kumbutho we-Imatu ngokusingathela inkomfa yawo yengingqi eHermanus watsho engqenwelela bonke abazimase loo nkomfa ixesha elimnandi nempumelelo.

Uceba E Nel, uthethe banzi kwinkomfa xa ebisamkela amalungu, uye wathi gqabagqaba ngemeko zentsebenziswano kuba-sebenzi ingakumbi ukuqeqeshelwa ukuba bawazi umsebenzi ngendlela encomekayo. Uye wamema iindwendwe ukuba ziphinde zityelele nezihlobo zazo emveni kokudlisa ngengingqi zonke zeOverstrand nendawo abonokuzityelela xabezokuzonwabela.

## UVUYO NO SIZI



### U-ELMARIE Ngumakulu NGOKU

U-Elmarie Hooneberg, uMphathi oPhezulu: kwezeNgeniso, wabhala wathi: Okokuqala ebomini bam, ndingumakhulu ngoku! U-Elizabeth Roets wazalwa ngomhla woku-1 kuMatshi 2013 kwaye esikalini xa egqitywa kuzalwa, ubunzima bakhe ibiyi-2.6 yeekhilogram. Mathse!! Akasemhle uNhunhuza kamamakhe efotweni! Undenze ivuso nadbhala lo mbongo:

#### U-Elizabeth...

Ndikugodile ngeengalo zam,  
Ungumntu omncinane owaziwayo kodwa ongaqhelekanga.  
Ufinga iintshiyana zakho uphathe kundithi ntshooo ngaloo mehlwana akhazimlayo.  
Uyabona obo buswana bakho bupinki ngezo ntshiyi zifingileyo Kodwa endikwaziyo mna kukuba ndikuthanda kakhulu.

Uyagushugushuza ezingalweni zam,  
Umlonyana wakho umana ukhamisa ufuna ibele likamama.  
Ndikubiza ngokuba ... "ungu-Elizabeth,"  
Intlokwana yakho imana ijikeleza ithi cwa kuhle.  
Kwaye ndiyazi ukuba kuza kubakho ikhonko lothando laphakade phakathi kwethu.

Intliziyana yakho ibetha ngamandla, uphefumlela ngaphakathi nangaphandle.

Ndidlala ngeso sandlana sakho sineminwana ekikiziweyo  
Ndincamise leyo ntendana yesandla ishwabeneyo.  
Iminwana yakho iphatha kukhakamfula ubhontsi wam  
Ndiyazi uyinxalenye yokubetha kwentliziyo yam naphakade!

Ndiyabulela Bawo wethu oseZulwini ngokuba ngumakhulu!



#### U-MICAH OMNCINCI

Umntwana wesibini kabathandwa oyinkwekwe uvele ngolweSine umhla, 7 Matshi 2013. Igama lakhe ngu Micah Mbanjwa obenesikali esingu 28 ngexa ebevela. Ifemeli yakhe ichulumancile ngokubakho kuka Micah inthemba lokuba uyakuyiphathela uchulumanco nothando.

### ABAQASHIWEYO NABANYUSELWEYO

ABACHONGELWE EZIKHUNDLENI NGOJUNI 2013	
UMnu R M Nutt	UMphathi weStoro
UMnu K M Johnson	UMncedisi: Icandelo lenkunkuma
UMnu X N Arosi	UMncedisi: Icandelo lenkunkuma
UMnu D Julies	UMphicothi weemitha zamanzi
UNkskz J L Gardiner	UMncedisi: Kwezokutya/Umcoci
UMnu B May	Umbahalana omkhulu: KwiCandelo lengenisio
ABONYUSELWE NGOJUNI 2013	
UNkskz S Reyneke-Naudé	Umlawuli: kwezeMali
UMnu S E Hans	UMqhubi womatshini omncinane
UMnu Z Mteyise	UMphathi/UMqhubi: Icandelo lenkunkuma

## USAZIWAYO OZE NGOBUSO ELIZWENI NGOMNYE WETHU

Ababukeli baka-Kyknat noba bakhe babubona ubuso obuqhelekileyo kwinkqubo yolutsha ethi, *Pienk Wolk*.

Ewe kaloku ngomnye wethu – ndithetha ngoLayla Arrison oze ngobuso elizweni nonetalente eqaqambileyo, intombi yoMlawuli wethu kwiiNkonzo zokuPhatha, uDesiree Arrison, noKwalilungu lesigqeba kwiBhunga lethu labaTsha.

Udlala indima kaCharlotte Thomas, umlinganiswa ophantse abe yimpumalanga nentshonalanga nendlela yena ayiyo kubomi bakhe bokwenyani. Kuno-ba kunzima nyhani ukudlala indima yomntu oziphakamisileyo ube wena ungenjalo. Nangona kunjalo, kule ntawazana, yimfundiso enkulu kuye le kwaye ukuthanda kakhulu ukudlala kumabonakude. Le nkqubo, eqale ngo-Apreli 2013, iza kuthabatha iiveki



ezingama-26, kwazi bani inoku-de ibe nayo nempinda.

ULayla ukwaxhamla kakhulu ngokwaziwa kuba ekwiBhunga labaTsha likaSodolophu, eliliqonga lokufundisa abatsha nokulola izakhono zabo zokuthetha esidlangalaleni, ukwenza intetho, ukubhala ingxelo, njalo njalo.

ULayla yeyona ntombi indala kwiintombi ezimbini zakwa-Arrison kwaye utata wakhe ukubizo lobufundisi, yena Layla ungumntwana ozihloniphayo nonentlonipho kwabanye, kwaye unentobeko kakhulu.

Wazifundisa ngokwakhe ukudlala igitari kwaye uyidlala kamnandi kakhulu. Ngenene abazali banethamsanqa ngokuba nentombi entle kangaka nenembeko.

Simnqwenelela okuhle kodwa uLayla nekamva eliqaqambileyo.



### UJUANDRÉ UDINGA INKXASO

UJuandré Viviers livoluntiyi elisisicima-mlilo kwi-Overstrand Municipal Fire Brigade kwaye nguye yedwa ophangelayo ukondla usapho lwakhe. Kutshanje, ube nengozi ehlasimlisa umzimba yesithuthuthu wazakala kakhulu wayolaliswa esibhedlele kwangaxeshanye nomama wakhe usandula kwenziwa utyando olungxamisekileyo kwisiBhedlele saseTygerberg.

Oyena sisi wakhe omncinane uneminyaka eli-16 kwaye ngusisi wakhe oyena umdala ozama ngako konke ukondla usapho. Kukho iindleko zemihla ngemihla ezifuna ukuhlawulwa kwaye nosapho ludinga imali yepet-rolu ukuya esibhedlele neyokutya ngokunjalo.

Xa ngaba bekho oogxa bethu apha emsebenzini abafuna ukunika inkxaso ngemali okanye ukutya, banga-kwenza oko ngokukunikela ku Charline de Gruchy, ongummelwane wakhe.

UJuandré uchacha kuhle kodwa udinga uncedo lwezonyango, isitulo sokuhamba kunye nendlela yokubhatala iindleko zonyango nerenti...

## U-Prieur du Plessis 1994 - 2013



Siswele imilomo eliwaka yokuvakalisa amazwi ombulelo nothando ngamazwi enu entuthuzelo kuthi silusapho nosomeleza ngexesha elinzima kuthi lokushiywa ngunyana wethu oyintanda uPrieur osutywe kukufa ngesaquphe. Silusapho sibulela imiyalezo yenu eze ngeefowni, ngeelele, ngeesms, ngee-imeyli, ukuzovelela kwenyu, ukutya neentyatyambo. Sikwagqithisa amazwi ombulelo nakwabo bebezwe kwi-nkonzo yomngcwabo ukuza kusixuma. Ubukho benu buyabulelwa kakhulu.

Avela kuKOOS, uSTEPHANIE noJEANNE